Zihlobo ezithandekayo

Kwezi Holide ze Kilisimesi, sikhumbula ukuba iNazarethe yindawo apho uYesu akhulele khona wachitha phantse bonke ubomi bakhe. Kubalulekile ukuzikhumbuza ngale ndawo ye Ngqiqo buThixo kumakhaya ethu, apho sithi sifumane ukuhlaziyeka ngokutsha, ukuba kwimo ekhululekileyo kunendawo zolawulo namanye amagunya. Ukuze sikwazi ukubuyela kwakhona kwizinto esizithatha lula, ukubuyisa ubomi bethu bangaphakathi nokubuyela kwisidima sevangeli. Ukuze sazi ngakumbi uYesu yamkelani nantsi imingcamango yokuthandaza

Isindululo "Ulwazi lwangaphakathi luka Kristu ukuze simthande ngakumbi, simlandele sibe kufutshane naye

1. uLuka 2 :19 : Waavumela ukuchukunyiswa ngaphakathi. Masiziyekelele ekuchukunyisweni nguKristu. Masikhangele uYesu ngamehlo kaMariya nabo bamngqongileyo. Masimnike ingqwalasela yethu. Vumela uYesu akothuse uchaphazeleke njengoko ezimanya nabantu, inkcubeko,usapho, indalo, umsebenzi, namava kaThixo, ukukhula okukokwakhe.
2. ENazarethe uYesu wafunda amava obuntu okuphila njengaye nawuphi na umntu ophila engaselwe so bani, engaqaqambana, engazeki, kodwa, kulapho wafumana khona amava nokufunda ukuba kuyintoni na ukusikelelwa (uMateyu 5 : 1 -12; uLuka 6: 20- 22). Amava okwazi ukuba uvuyo olululo lufumaneka phi na. Olona vuyo noxolo lomphefumlo ngamava obuntu okukwazi ukuba uvuyo olululo lufumaneka phi na. Lubabalo lwasimahla, isipho esinobunzulu obumangalisayo. Abuzi ngenxa yokwaneliseka okanye iminqweno yethu, kodwa bubeka umntu kwindawo yoxolo lomphefumlo. Idluliselwa kwabanye, ayikokuzivalela wedwa, kukuzithoba, hayi ukuzonelisa wedwa kodwa ukukhangela ngokuphangaleleyo okuzayo, ukuthanda nokuba sisicaka.Qwalaselani i" Beatitudes" nijonge ubomi bukaYesu kuzo(ubomi bakhe eNazarethe nakubomi bakhe jikelele. Ingaba nimthembe kangakanani na uYesu ngokuphathiselele elonwabeni naseluvuyweni (uMateyu 14 : 44 -46) Xa nifuna ulonwabo novuyo niya phi na. Ayintoni amava enu e " Beatitudes" ebomini benu.

Zihlobo, yanga iKilisimesi ingabangaphezu kweenkumbulo, yanga ingaba kukuzalwa ngokutsha kukaKristu ezimpilweni zethu. Singa singabanolovuyo lobukho bobungcwalisa ngaphakathi kuthi

Uthando, Intsikelelo, Umthandazo iKilisimesi emyoli no 2019 oyokozela amathamsanqa

uBishophu Margaret B. Vertue